Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2016

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1
# MEMORANDAM

**AMANQAKU: 70**

Le memorandam inamaphepha ali-9.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).

- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempeendulo yakhe.

- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo- EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).

- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalikrwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.

- Xa umvavanywa esebenzise IsiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

## ISICATSHULWA A

1.1 Nolovane. √ (1)

1.2 Asiyonyani, ‛Ngokwenene bakho abantu abathi xa benxibe ifashoni ubone nje ukuba lo uthe, “Nam ndiza kuyinxiba inxitywa nje”.’ √√ (2)

1.3 Akahambi namaxesha √/ Usemva emaxesheni. √/ Uyashiyeka.

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.4 Sokurhorhozelana. √ (1)

1.5 Ikho, kuba izinto ziyaphelelwa ngamaxesha √√/ Ayikho, kuba abantu bangena ematyaleni ngenxa yayo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.6 Luhlobo lwesinxibo oluxatyiswe ukunxitywa noluthandwa ngabantu belo xesha. (1)

1.7 Kungokuba uthi ziphela ngentla lee apha edolweni. √ (1)

1.8 Kukuyidlwengula √/ Kukuyiqweqwedisa √/ Kukuyihleka √/ Kukuyigezela. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.9 Banomdla wokuyincokolisa √√/ Bayincwasile √√ Banomdla kuyo. √√ / Bayithandile. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.10 A. Siyamfanela √/ A √/ Siyamfanela √

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.11 Emva kwesenzi u-thi √/ Sicacisa isenzi u-thi. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.12 Lulutsha √, kuba abantu xa sele bebadala ababi namdla wayo yonke into efikayo kwaye sebedlulile kwelo xesha √/ Ulutsha, lusoloko lufuna ukuzibona luhamba nefashoni.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.13 Zibanceda xa kubanda, √ naxa kuvuthuza umoya √ (2)

1.14 Indoda inika inkwenkwe inyama. √√/ Intombi inika indoda uthando. √√

(Nasiphi na isivakalisi esichanekileyo) (2)

1.15 Ndifunde ukuba ifashoni iyabiza √√/ Ayinguye wonke ubani ofanelwa yifashoni √√/Sazi sinxibo esikufanelayo nesingakufaneliyo √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

**ISICATSHULWA B**

1.16 1.16.1 Kuboniswa ifashoni √/ Kuboniswa iilokhwe ezisefashonini √ Kuboniswa ngempahla √/ Kuboniswa iintlobo zefashoni. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.16.2 Yonwabile, √ kuba incumile √/ Iyavuya √ iveze amazinyo. √/Iziva iqinisekile, kuba inomfaneleko. √

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.16.3 Ihambelana nomhlathi wesi-5. √

Le ntombi ikumfanekiso A inxibe ilokhwe ebonisa impahla yangaphantsi, kanti kumhlathi wesihlanu kuthiwa ezinye iilokhwe zehlobo ziceketheke kangangokuba amehlo omntu ayakwazi ukugqobhoza apha kuzo abone konke okungaphaya. √ (2)

1.16.4 Ndithanda le iku-A kuba indenza ndiphole √√/ Ndithanda le iku-B kuba indenza ndibe nesidima. √√

(Nayiphi na impendulo yomfundi evakalayo.) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

### UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**
  - 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6−7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
  - 1−5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

### QAPHELA

➢ **Imo**

Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphonononongwe.

❖ **Ubalo-magama**

- Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
- Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
- Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
- Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

## UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | NgokwasemaXhoseni ubuhle bendoda ziinkomo. Kwangokunjalo obona buhle bomntu obhinqileyo busekuziphatheni kwakhe kakuhle. | 1. | NgokwesiXhosa indoda iba ntle ngokwenani leenkomo enazo, kanti ubuhle bebhinqa kukuziphatha kakuhle. √ |
| 2. | Wonke umntu ngoku unqwenela ukuba mhle ngolona hlobo. Abantu bachitha iimali ezinkulu bezama ukuphucula inkangeleko yobuso nomzimba ngokubanzi. | 2. | Bonke abantu bafuna ukuba bahle, batsho bangene ezindlekweni ukuphumeza oko.√ |
| 3. | Kukho iindawo zokulungisa iinwele ezibizwa ngokuba zii-saluni, apho abantu baphuma bengena khona beye kwelula iinwele. | 3. | Abantu bamaxhaphetshu balungisa iinwele zabo kwiindawo ekuthiwa zii-saluni.√ |
| 4. | Ubuso yeyona ndawo ibisakuxatyiswa kunene ekulungisweni komzimba womntu, kuba yeyona ndawo ivezwayo nokuba sezigqunyiwe ezinye. | 4. | Abantu babekade bekhathalele ubuso kuba bona busoloko buvelile kunezinye iindawo. √ |
| 5. | Zikho iisepha zomzimba ezinuka kamnandi eziziindidi ngeendidi eziyikhucula intsila ziwushiye umzimba ucoceke ngokwenene. | 5. | Kukho iisepha ezisetyenziswa ngabantu ezicoca umzimba ngendlela emangalisayo.√ |
| 6. | Umzimba omkhulu uphumile efashonini, kungoku nje ingulowo ubani uthe phithi ngumzimba onciphileyo. | 6. | Abantu abasawuthandi umzimba omkhulu, kwaye bazama ngandlela zonke ukunciphisa iziqu zabo. √ |
| 7. | Xa kuthethwa ngokuhoywa kobuhle bomntu akubhekiswa kwabadala kuphela, neentsana ziyabandakanyeka. | 7. | Le meko yokukhathalelwa kobuhle ayisachaphazeli abadala kuphela, nabantwana abancinci sele bechaphazeleka. √ |

**UKUBHALA NGOKOMHLATHI**

NgokwesiXhosa indoda iba ntle ngokwenani leenkomo enazo, kanti ubuhle bebhinqa kukuziphatha kakuhle. Bonke abantu bafuna ukuba bahle, batsho bangene ezindlekweni ukuphumeza oko. Abantu bamaxhaphetshu balungisa iinwele zabo kwiindawo ekuthiwa zii-saluni. Abantu babekade bekhathalele ubuso kuba bona busoloko buvelile kunezinye iindawo. Kukho iisepha ezisetyenziswa ngabantu ezicoca umzimba ngendlela emangalisayo. Abantu abasawuthandi umzimba omkhulu, kwaye bazama ngandlela zonke ukunciphisa iziqu zabo. Le meko yokukhathalelwa kobuhle ayisachaphazeli abadala kuphela, nabantwana abancinci sele bechaphazeleka. (70)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

▪

## UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 NguSgubhu. √ (1)

3.2 INKANGELEKO YAKHO LUXANDUVA LWETHU!!! √ (1)

3.3 Ufuna ukutsala amehlo wabantu kule nto ayithengisayo √√ (2)

3.4 Zuza √/ Bhaqa. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.5 Fumana iiperi zibe mbini ngexabiso leperi enye. √ (1)

3.6 Ukuzenza √/ Isakhi sokuzenza √ Ukwenziwa kwesenzo yintloko kwakuyo intloko√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.7 B. Kumntu wonke √/ B √/ Kumntu wonke √ (1)

3.8 **Luluvo**, ubuhle bomntu abuxhomekekanga kwinto ayinxibileyo; inkangeleko yomntu idaliwe, ayiguquki. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

4.1 Lixesha leti √/ Lixesha lekofu √/ Lixesha lempungo. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Ukucaphuka √/ Ukukruquka √/ Ukutshinceka √/ Ukudikwa√/ Ukuba nomsindo. √/ Ukwanela √ (1)

4.3 Umzali wathi **ungene** √ kumatshonisa ngenxa yentombi **yakhe**. √ (2)

4.4 Lisivezela ukuba uqhele ukubabetha ngebhanti.√√ Bayayoyika ibhanti kuba babethwa ngayo. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.5 Indlovu ayisindwa ngumboko wayo. √√ (2)

4.6 Ayilunganga, kuba kuzophela kulamba usapho ngenxa yamatyala omzali. √√/ Ilungile, kuba kufanele anelise iimfuno zomntwana wakhe awamzisa emhlabeni√√

(Naluphi uluvo olunomhluzi) (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: ISICATSHULWA

5.1 Isenzeko esenzeka calanye √ (1)

5.2 Ekude √/ Emgama √

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.3 C √/ C. Sisifaniso √/ Sisifaniso √

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.4 Isihlomelo sendawo √/ Isalathandawo √

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.5 Ubuso buzinyeliswe ngumsi. √√ (2)

5.6 Lo mgangatho zikuwo iziphumo zesi sikolo uyancomeka. √√/UNomsa ndimfumana kumgangatho wesine kweso sakhiwo. √√

(Nasiphi na isivakalisi esibonakalisa umgangatho ongenguwo lo ukumhlomlo) (2)

5.7 Naxa uBantu wayengazanga wambona ugqoloma, **ngale mini**√wambona. (1)

5.8 UDora wayehleli ezolile, kodwa zange ambone uBantu. (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**